

Imvo Zabantsundu

NATIVE OPINION

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.]


[LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.]


KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, SEPTEMBER 1, 1886.

[No. 96.


INGUBO



INGUBO



INGUBO



DYER NO DYER

Isaziso sika Rolumeni.

No. 599, 1886.

Kweyendyebo, Cape Town,
Cape of Good Hope, 7 July, 1886.

IMALI YEZINDLU.

BONKE abantu bayakunju-
zwa ukuba irafu eyi
House Duty yo 1886 kufuneka
ihlaliwe ngoku ; ukuba ubani
akayihlawulanga kwada kwalu-
suku lwa 29 September ozayo,
yoqala ukuba namatole ; kwa-
kona abo banga bangakululwa
ekuyihluleni mabazise oman-
tyi babo ngapambi ko 30
August.

H. M. H. ORPEN,
Umcedisi Mgcini-Ndyebo.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba
ukange.

Elika
COOK Iyeza Lesisu Nokuzaxazo. 1/6
ibotile.

Elika
COOK Iyeza Lokukohlela
(Lingamafuta).
1/6 ibotile.

Aka
COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.
9d. ibotile.

Elika
COOK Iyeza Lepalo.
1/6 ibotile.
Ezika

Ipils.
COOK 1/ ngebokisana.

Eka
COOK Incindi Yezinyo.
6d. ngebotile.

Oka
COOK Umciza Westepu Sabant- wana.
6d ngebotile.
Oka

Umgutyana Wamehlo. 61
ngesiqanyana.
COOK

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

J. WARWICK TANTON,
UNYANA KA MJACU,

Ungu Mteteleni Ematyaleni
Nombhali we Mvumelano,

NGUMFO oyaziyo inteto kwana masiko
Esixhoaa. Unokumela umntu kuma- tyala entlobo
zonke zonke kwi ofisi yase Mtata ku Mqanduli
nase Elliotdale (kwa Bomvana). Isibheni
uyakuziquba pambi kwe Mantyi Enkulu Emtata.

Zonke ezingubo ngoku zikutshiwe ezibhokisini, zipaulwe ngamanani amancinane kanye yokutshata ihleli

Impahla entsha kwi Yamadoda, 2/6, 3/, 3/6, 4/, 4/6
Ngazo zonke Inqanawa „ Caps, 1/. 1/3, 1/6, 2/

Ihempe Ezilushica, 1/3, 1/6, 1/9, 2/

Ihempe Zoboya, 4/, 4/6, 5/, 6/

Ihempe Ezinemigca, 3/, 3/6, 4/, 4/6, 5/

Ibhulukwe Zetwidi ziqala 4/9 zinyuko

Ibhatyi „ „6/

„ „

Isuti Yonke Yetwidi iqala 14/ zinyuke 3/6

Indulubhatyi Zetwidi „ 5/6

Ibhulukwe Zekodi ziqala 5/

Ibhatyi

Izikafu Zoboya ziqala kwi 6d.

Ikausi Zamadoda ziqala, 6d.

Intlobontlobo Zezihlangu zihleli zodwa

Izambulele ziqala kwi 1/9

Amalapu Okwenza Ihempe ezo meleleyo

6d. iyadi

Carpet Bags

I Portmanto (Zingxowana Zabahambi ezo)

Inqawa

Ingxowana zempahla Yentsapo Yesikolo

Izikafu

Amaqina enllobo zonke.

Ingubo Zangapantsi.

ITYALI ZOBOYA ZIQALA, 3s. 9d.

IKELEKO BROWN, 2d.

IKELEKO EMHLOPE, 2d.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL-ASSORTED STOCKS OF

Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores,

BRUSHWARE,

PAINTS, OILS, AND VARNISHES,

Pots—Kafir Hoes —Red Ochre—Cutlery, &c.—
for Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

UKUBA lo Ugama lingase zantsi umiselwe ukuba nga Mteteleli we Marike
Oncedisayo, enikwe ne gunya loku tengisa zonke intlobo zempahla
ebambayo nezinqwelo kulo msito wase Qonce. Ngoko ke ucela abahlolobake
abantsundu ukuba bazi zise kuye impahla zabo abatengisele. Uyakuhlala
esenza ngako konke ukuba abafumanisele elona xabiso lipezulu lase markeni.
Xa impahla ingatengwanga akusokubizwa nto, xa itengiweyo imali yayo ifu-
maneka kwasemva kwe fandesi. Ngoko ke yiza, xelela nezihlobo zaku ukuba
zizise mhlaumbi zitumele inkabi, nemazi, namatole, namahashe, negusha, ne
hangu, yonke into e Qonce ku

Umteteli Marike Oncedisayo.

Oyakuku nika nelona cebo lipilileyo lokutengisa ngokutya kwako nge-
xabiso elipezulu le Marike.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase mcancatweni.

Ukubulelwa kwe Sivuno.

INKONZO yokubulela Isivuno yobako (evuma u Tixo) kwisikolo sase Gcuwa (Butterworth) ngo 9 September, ukunikela imibulelo ku somandla u Tixo ngenxa yoku kudla kusand' ukuvunwa.

Kuyakubako nomnikelo wokubulela oyakuba ngowo kuxhasa umsebenzi we Nkosi kwi Sarkiti yase Gcuwa.

Inkosi nabantu bemizi ngenmizi yela Mamfengu neyalo lonke elipesheya kwe Nciba bamenywa ngentliziyo yonke ukuba baze bafake amagxalaba kulenkouzo.

WM. J. HACKER, Umongameli we Sarkiti.

KUBIWE E BALASE.

INKABI YEHASHE EGWANGQA, iminyaka isesiblanwini ubudala, inekolwana encikanecane, inebalana elingacacileyo lenxeba pezu kwengqina lokholo, lalinenxeba pantsi kwesikondo solwimi, kuko uboyana obumhlotskana emhlana

IMAZI EGWANGQA enekolwana encikanecane; ubudala limalunga nesitandathu seminyaka, umva ufut' uknkwanyela.

Ahlahle ngo May 18, 1886, etyebile kaku- lu omabini. Owaboniweyo mhlambi wabamba amasela luwo wobhatalwa nga

METU F. TSALA.

E Balase.

STOLEN!

FROM Balasi Station, on May 18, 1886 ONE BROWN GELDING, about five years old, with a small star on forehead and small white specks all over body. Indistinct wound mark above left fore fetlock, mark of wound underneath root of tongue, small white hairs on back. ONE BROWN MARE about six years, with a small star on forehead, hindquarters rather turned in. Both horses in very good condition when stolen, Anyone recovering the same or giving such information as will lead to their recovery and the apprehension of the thief or thieves, will be rewarded by METU F. TSALA, of Balasi Station.

Vingcani Amazibuko.

KULAHLEKE ku Msimbakazi kwa Gealeka inkabi engwevu eyomeleleyo, emanqina nesingci simnyama. Lityebile. Umshiso ngu J.K. (u K ngati ngu H). Li- bugqibile unbakabi. Imerikazi egwangqwa enekolo, inecoko, imalunga neminyaka emintandathu ubudala. Ine sanara kumlenze wase kohlo. Lamabasha ngaka Rev. ABRAM MABULA wase Fort Malan. Onamanakani alawo mabala makazise umninno nokuba ngu Rev. W. J. HACKER, wase Gcuwa.

Isaziso sebhunga lomzi No. 11.

IMARIKE YAKUSASA

UKUGUQULWA KWEXESHA.

KUYAZISWA kubo bonke ukuba kuqala kolo 1 OCTOBER (LWEZI) de kube nge 31 MARCH (M'BASA) 1887, Imarike kusasa yoqala ngo 6'30 de ibe iguqulwe ngesaziso se Bhunga.

W. DUNBAR, Umbhali-Micimbi.

Town Office, King William's Town, August 28th, 1886.

M. KEEVY & CO.,

KWA NGOMTI,

E-Bhulorweni nase Durban Street.

Ngoku bazilungiselele ukurola awona ma. Xabiso makulu

Ngoboya, Nezikumba Zenkomo, Nezebhookwe, Nezegusha.

Kanjako barola awona maxabiso apezulu ngokutya nezinye isinto ezitengisayo. Kuledolopu yeyona ndlu ine Ngcawa Nengubo zokunxiba ezitshipu nayo yonke into.

KUBHUBHE.

MQANDA.—Kubhubhe Eguqgwala ngo 16 August, u CHARLOTTE intombi enci ka Thomas J. Mqanda wase Sauerville, Fort Peddie, ubudala bulishumi leminyaka. Ibine ntloko nokukhohlela. Kabikelwa izi- hlobo.

JOLI.—Kubhubhe e Kimberley (kwelo Dayimani) ngo Mgqibelo, 21 August, u UPINGTON, unyana ka Cornelius Njoli, ubudala ube nentsuku ezisitoba. Izihlobo mazamkele lo mbiko.

JAMES.—Kubhubhe, e Somerset East, ngolwesi-Ne, 19 August, intonkazi engu NOTASI JAMES (u JAMES okwangu VENA), obhubhe esiti uyagoduka sesingalili izihlobo nya ezulwini esiyakudla uyolo, Izihlobo mazamkele lombiko.

SOMANA.—Kubhubhe, ku-Ntlaka (Staal- klip Bridge Farm), ngase Sidutyini, ngo 20 July, 1886, u MARIA SOMANA umhlolekazi otandekileyo ka mfi u Mshweshwe Somana, ekubeni ebepantsi kwentlungu inyanga esi 8. Lentokazi ishiye intsapo eselusizini ngokumka kwayo.

Banetamsanqa ababhubele eNkosini.

BONISANI.

AMAHASHE amabini alahleke ngo 4 June : (1) Imazi emfasa ende ; ibhalwe BD kwinyonga yase kunene. (2) Inkonzana empemvana, emanqina amhlope angasemva : itatuqwa, isibkena, indlebe zimaxhaka zibhkeke pambili. Ondilandiayo angatumela ku Mhleli we Mrs e Qonce.

ANDREW MTINTSO.

Ebhencuti (Shawbary)

Abazelweyo.

ROZANI.—E Idutywa, nge 9th August, 1886, Inkoaikazi ka PHILIP ROZANI, ibeleke intombi.

AMAGOSA "EMVO."

LIXESHA itunyelwe imali yonke. Amagosa elipepa acelwa ukuba ayitumele yonke ekuwo. Imali eyakufika yotunyelwelewa irisiti nge post yokuqala. Imali ye Mvo ingena ngo J. Tengo. Jabavu, P. O. Box 178, King William's Town. Ngawo la Amagosa, kwindawo angekamiselwa ayafunwa :—

Alice ... Aliwal North ... Rev. J. Msikinya Mr. Barkly East ... Adam Mpinda, Mr. J. Beaconsfield ... G. Kosani Bedford (Enyara) ... Mr. William Soekwa Bell, Tuku (Peddie) Mr. C. Mgudlandlu Bumshill ne Rabhula Mr. Jas Figilan Butterworth ne Ngqamakwe Mr. T. M. Ndwardwa Burghrsdorp ... Mr. P. Pigilan ... Cala ...

Clarkebury ... (Emgwali) ... Rev. B. S. Dlepu

Craddock ... Debe Nek ... Mr. Jas Nyanda

Dordrecht nase Mhlanga, ... Mr. Jas. Maqubela

East London ... Mr. Saul M. Msane

Edendale, Natal, ... Mr. Saul M. Msane

Emfundisweni ... Emampondweni

Endwana naku Seplan ... Mr. J. Zech. Tantsi

Engcobo ... Mr. Sam. B. Msutwana

Fort Beaufort ... Fort Peddie ... ne

Gcebula ... Mr. Jas Nyanda

Graaff-Reinet ... Mr. Jacob January

Graham's Town Heald Town ... Messrs. A. T. Bell

Herschel ... J. M. Gundwana

Horton nase Rura Rev. Boyce Mama

Idutywa ... Mr. Samuel Ndubela

Jansenville, ... Mr. J. W. Gawler

Kamastone ... Mr. M. M. Kosani

Keiskama Hoek ... Kimberley ...

(Edayimani) ... King W. Town ... Office Imvo Zabantsundu

Kokstad ... Kwesika Kama ...

Lady Frere naku Bengu ... Mr. D. T. Malasi

Lesseyton ... Mr. John W. Sondlo

Middelburg, ... Mr. Geo. Ngana

Monija (Ehusutu) Mouni Coke ne

Quggwala ... Mr. J. Tunyiswa

Molieno ... Mr. R. S. V. Williams

Mount Fletcher (Madadiel) ...

Mount Frere (kwa Bhaca) ...

Mtata nase Ooko- hveni ...

Mzimkulu, ... Rev. J. Househam

Neivtondale, Mpeko Rev. C. Mahlutshana

Oxkraal (Emta &c.) Peeltion ... Rev. W. B. Rubusana

Port Alfred ... Mr. Ernest Nquka

Port Elizabeth— (No. 1 District) Mr. J. S. Adams

(No. 2 District) Mr. P. Xiniwe

(No. 3 District) Mr. J. G. Qaba

Queen's Town ... F. W. Cross 4 Co.

Mr. Richard Nukuna

Qumbu ... Qumra nase Mpetu

Sauerville (Fort Peddie) ... Mr. T. J. Mqanda

Seymour ... Shawbury ...

(Ebhencuti) ... St. Mark's ...

(Idutywa) ... Mr. D. Dwanya

Somerset East ... TarkaStad ne Zuur-

fonteni ... Mr. I. Motaung

Toleni, ne Mpukane Mr. P. H. Pofftor, Ejojosi

Tsolo ... Mr. Maneli Mabandla

Tsomo ne Mbulu Mr. John Mahali

Uitenhage ... Rev. M. September

Willowvale (kwa Gatyana)

ABABUFUNAYO Ubugosa kwindawo ezingekabinawo mabatumele iziolo aabo kwangoku.

AKUNAKUMISELWA Igosa kwindawo enge. uabo abantu abasixenxe ubuncinane abatunyelwa Imvo.

Iveki..

TUMELANI (nonikwa irisiti) kwangoku yonke imali exasa ipapa nge Post Office Orders abangenazo nge stamps zepeni ezingengapantsi kwezimbini ku J. TENGO-JABAVU. P. O. Box, 178, King William's Town.

ABANTU abamele i Gcuwa, amaramente nabangengawo sibalatisa kwisaziso somfundisi u Rev. W. J. Hacker esibonakele kwakwi. veki egqitileyo. Leyo mbizo ifanele ukusa. tyelwa siso sonke isizwe sela Mamfengu.

UMTETO wokutintela ukuhamba kwenkomo kwiziqingata ezino manz' abomvu uguqulwe, ngoku zinokushexiswa xa umninno enze isifungo pambi kwemantyi mhlambi igosa lakwa Rulumente, sokuba azizange zihlanga. ne nenkomo ezihlweyo, zinenyanga yonke zimsulwa.

UBOYA busaya bunyuka emarkeni enkulu yase London e Ngilane.

KUSAND' ukushicilelwa isaziso kwiipepa lakomkulu Gazette Extraordinary sokuba bonke Abahlambeli ngoku bamelwe kayirola irafu elishumi lesheleli.

U BISHOP RICHARDS we Ramente yase Roma uyabuya ukwela e Ngilane.

AMABHULU asixenxe abeyokuzingela entla kwela Bablambeli abulewe. Bate abantu belo. zwe mabangazingeli. Asuka wona apika, alushiya usapo lwawo kwesika Khame. Ate xa aleleyo abhadwa onke kwasa efile.

U REV. J. D. DON ubehambele e Edendale e Natal ngo 21 August 1886, usibuke kunene eso sikolo sase Edendale. Ngoku kambe songanyelwe silnko apa u Rev. Theophilus Chubb Lord, B.A.

IPEPA eliyi Somerset East Advertiser litshonile, nesisicilelo salo sitengisile.

SIVA ukuba sasitunyelwa isaziso sokubhubha kwentombazana ka Mr. Robert Xola e Rini esingazanga sisibone tina, into eyafika- yolibali elide kunene elingabanga nakufa- kwa ngenxa yobuncikane bepepa.

IciKo elikulu lamaWesile u Rev. J. Smith-Spencer ubambele e Dayimani okweveki ezimbalwa.

UTYWALA ba Maxhosa ngoku bumana ukwelisa iziteto ezibi e Natal. Zonke ingozi ezizama ukwelisa zisukela kubo. Buyekeni makolwa ase Natal niyakupela zinduma.

NGOMHLA we 19 August e Edendale inko. sikazi ka Mfufu ihlabe ngemela inkosikazi ka Tofela amaxhaka asixenxe ebusweni; isi- zatu esibangele esosenzo asikavakali netyala alikaketwa.

U REV. H. P. PARKER unyulelwe ebu Bishopini base sazulwini se Africa esikundle- ni sika Bishop Hannington osand' ukubha- dwa.

U MR. ADMINISTRATOR SHIPPAARD i Ralaneli yela Bahlambeli e Buchuanaland umise umteto wokuba xa umntu ezeke isitembu makhabhatala irafu elishumi lesheleli ngo- mfazi ngamnye amzekileyo.

UTI u Xego-Dala.—“Asibonina ukuba sizizikhohlakali? Singatinya ukumbeka ngedi- nga umntu singalifezi idinga letu.”

APA ke u Xego-Dala uteta ngababantu bati mabatunyelwe Imvo babe bengazami nokuyitumela imali ongenakuhamba umse. benzi xa ingafikiyo.

INGXOWA yombona e Mgungundlovu ihamba kwi 3/ ne 3/6.

U Rev. John Walton, M.A., wabelwe kwi Mostyn-road. Circuit e London yingququte- la yabafundisi batna Wesile e Ngilane.

IHABILE e Natal isuka ku 1/ ise ku 4/ nge- kulu.

“UMHLALI we Mvo Zabantsundu kukade esisebenzela, kumzuzu ehlabi ukmosi eme- meza kungasatyelwa.”—Uthsho u Xego-Dala.

ISIKOLO sase Cedara sivulwe ngo 2 ka Ncwabakazi.

KWIMHLATI yezaziso kuko neze Singesi kwenzelwa abarwebi abamhlope nabalesa Isingesi kwabantsundu ukuze bakwazi ukuzi- yaleza impahla kwivenkile zabo o G. B. Christian & Co.

OMNYB nmbhaleli ubuza ukuba batinina nkutshata kabini abantu abatile esabavaka- lisa kulomhlali. Impendulo.—Isoka layili- bala ekaya incwadi (license) exela ukuba livunyelwe ukuba litshate, waye umtshato ungenakuba nguwo xa wenziwe ngapandle kwe “mvume.”

KUNYULO obeluse Dayimani siva ukuba amawetu atelele ku Mr. O'Leary. Singavu- ya sisive isizatu salonto kuba u O'Leary tina asivani naye xa sikangele ukawoti kwake e Palamente. Abalesi beta bosivumela abaziqwalaselayo indaba ze Palamente. Singavu- yama umzi wakuti ose Dayimani usicazele lonto.

LIGWETIWE ityala lomfazi owaye lahle umntwana e Edendale ngo May, ugweywelewe unyaka wamnye entolongweni esebenza umsebenzi wezibotshwa.

“BAPINA o Tand' Uhlanga, no Xas' Uhlanga, nobani bobani abakade bezidumisa ngo- kwabo ngamagama abo kwelipepa, nditi ba- yepina, mabavele namhlanje, bawakulule amatyala abo bawafeze amadinga.”—Amazwi ka Xego-Dala

KUKO inkazana ebiquashwe e Howick e Natal ngo August 16, 1886. Kute ekupeleni kwe nyanga yabiza imali yayo. Yagoduga inga. xelanga. Inkosi yayo yayimangalela. Iko- nxwe intuku ezilishumi elinantatu entolongweni. Zilumkeleni ke baqeshwa.

I ALMANAKYonyaka ozayo iyakuqala ukulungiselelwa kulenyanga izayo ukuze ibe libhaso le Kresmesi kubamkeli be Mvo abangenzakwelitshi, yena ongaqibanga ukhulau- la maza ahlahle ngokuncama i Ngati iyaku. bantle ngepezu kwale.

IMANTYI yase Sidutyini u Mr. Sweeney itshintshana neyase Mzimvubu u Mr. Whindus. EyakwaTsolo u Capt. Hook utshi. ntshana neyase Mzimkulu a Capt. O'Connor.

U MR. E. HANNIE wase Port St. John's, Emzimvubu usdeleni elwandle ukubuya e Ngilane apo ebefunda kona.

INCWADI evela e Mzimkulu isibikela uku. bhuhba kuka Mr. Daman Hlongwana obeke engumfundisi e Natal, none zihlobo ezininzi kwelilizwe. Ubengumxhasi omkulu we Mvo, wangena kwamhla lasekwa elipepa. Sila- hlekitwe ngenxa yokubhubha kwake.

sisetyenzelwa ngedinga esilimisileyo—singa- tinina ukudla amandla omnye, sibuye sidle nomvuzo wake—asingawo maxokina ngalo ndawo, asingawo maselana kanjalo? Ndibu- za ndidanile.—Uthsho u Xego-Dala.”

AMA Rashiya aya ewandisa ngakumbi umda wawo kwelama Afgani ngase India apantsi kwama Ngesi, asafumane akangela ngamehlo ama Ngesi.

INGQAKAQA iyasetyenzwa ngu Dr. Johnson Emtata, kuko indawo esezibolile yiyo e Mqanduli nakwa Bomvana.

U JOHN HONEY wase Kapa nxabene nomfazi wake waselemxabela ngezonjana entloko waqulula pantsi, kungene umkwekaci ngokuya isikalo, waselemknimbula naye kwa- sentloko hele waqengga, izidumbu zazibini ngaxesha 'nye. Uye wintdlu alala kuyo watata isikele wazinqamla umqala ngaso. Alike amadindala sekulele iziqungqaluzo ezitatu pofu besapefumla bonke

SIYAVUYA ukubona ukuba kumadoda ebala letu apa e Qonce sekuko nakwaziyo nkubha. la amagama amakulu la aba pezu kweminyaka ngo yevenkile.

LITI ipepa lase Komani kuko isikukukazi esite sisakafelwa ngamantsontsho aso saya kulala pezu kwemi bundlwana yenjana, wati akufun' ukuza unina kwa xomana wada wancama.

LAMADODA asitoba acola imali eninzi spa e Qonce nte u Mtshutshisi. Matyala wamokulu- lu makakululwe. Axamlile. Yona lemali seti sesandlue unotshe eke wahlukana nayo Umlungu.

I JAJI iyakuteta kwezi udawo :—E Nyara, 3rd September. E Bhofo, 6th September. E Qonce, 9th September. E Monti, 16th September. E Komani, 20th September. E Doloro, 27th September. E Alvani, 30th September. E Bekesdorp, 4th October. E Kolosbelere, 7th October. E Kaladokwe, 11th October. E Somarseti, 14th October. E Tinara, 16th October. E Rafu, 19th Oc- tober. E Bhayi, 23rd October.

IKEPU lisemhlope ezitabeni zeli pezulu.

NGOLWESI Tatu lweveki egqitileyo u No- leta udlwe iponti ezintlanu yi Mantyi yase Bhofo ngokutengisa utywala bama Xhosa engena pepa lemumelo. Kade sixela sisiti mabuyekwe utywala!

ATI Amangesi i golide iboniwe nase Ngqushwa. Nakugcina madoda xasukuba nisebenza imisebenzi embiyawo kubonakala ukuba lonke elilizwe liyi golide.

KUKO abantu abadla ngokuririza nokukwina besakubona kwelipepa izinto ezibhalwe ngabantu abazimilo zinganelisiyo. Tina ngati akulungile ukuzingwaba italente ze- nye indoda ngakuba ayanelisi ngasimilo. Noko sitshoyo asiwateleli.

U MR. J.M. MAGIDIGIDI wamfumana udawo wabayemfuna ngesaziso kwelipepa.

USAPO lwama Ngesi lunye nolwama Xhosa ngoku, kutshwya nentwana ezincinane unga- fika sekudwelewe nenqawa. Lupawu lwalama- maxesha sikuwo.

“MANDITI ke elokugqibela ngokufutshane lingasipuluki elilungelo le-“Mvo” lisipu- lukile kwapela asisayikuze sibuye silifuma- ne.”—Ukubona kuka Xego.Dala nge Mvo.

KUXABENE amadoda amabini kwa Brown, lee emqombotini, bavavula, enye yatiwa hlubi amazinyo amane nge mbokotwe, nqile ekosi ngomnquma. Yekani utywala.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-TATU, SEPT. 1, 1886.

BUPANTSISI bexa- kulu bezilimo ngo-

ku bubonwa nangum- ntwana. Etnzimkulu ingxowa yo- mbona ilahlwa nje ze. Uti umbha- lile wetu okwelo abarwebi abavumi kumrolela imali umbona ngapandle kokuba abe umntu uzakutata impa- hla evenkileni, nokuze barole ishe- leni ezimbini ngengxowa. Kwe- lizwe inye indoda ekurolela imali ukutya, naleyo mali yindaliso qa ngengxowa. Kunzima kunene ebantwini ngaloxha, ngokukodwa kuba akubonakali temba lokunyuka kwamanani kwangoku. Ngeneno kancinane kwelo kufun' ukubako umnyinyiva wokunyuka kwamaxa- biso, kuba Emtata ngeveki egqiti- leyo ingxowa ibihamba esihlanwini shehleni. Ikwalelo nani nalapa e Qonce, e Monti, e Komani, e Rini nase Tinara. Kulo lonke ngoku kubonakala ukuba amaxabiso ayali- ngana. Kufike ke kuvele lombuzo, kuza kutiwanina? Lombuzo uba- finge kakulu abantu abantsundu, kuba bona into yabo ngumbona na- mazimba kupela. Ewe, wona ama- xabiso apantsi, asilotyala labarwebi ke elo nakuba wona amawetu siwa- qonda ukuba acinga ukuti kwenzima ngabarwebi. Imbangi yoku nga- maxabiso asezi markeni, ngoku nje zizele ngumbona namazimba. Esisimo akuso amawetu siyaku- wafundisa isifundo esilungileyo. Elilanga ligqitileyoliwafundise ama-

wetu ukuba alime kwasentloko ka- njako ahme kanobom, ayiyeka leya mfeketo yokuti qwete-qwete ibalana ati umntu ulmile njengeliya xa bekulinywa ngegaba. Namhla ke obubupantsi bamaxabiso bofundisa inkoliso yamawetu ukuba mabanga- limi umbona namazimba odwa, ze kuti ngenyanga ezisitoba ufike be- mana ukuqengqeka ngeziso ezizimu- tweni bengansebenzi. Xa kungange- lwe kwi Almanak yetu akuko noko inye inyanga engenanto ihlwayelwa- yo. Siyavuya ukuba inxenye ya- mawetu e pesheya kwe Nciba na- kwelilizwe izinyamekele kakulu izi- tyalo ze tweni zase kaya sekuko intlazana ezibukekayo pambi kwe- zindlu zawo nonyaka nje ngokwala- tiswa yi Almanak. Abantu abaye- nzileyo lonto bayazifeza ingxake- kwana zabo ezinjenge rafu nezewe- nkile ngokutengisa irasi nemifuno nemboty, kuba iti xa enye into ingalunganga kanti yolungu enye. Yilonto ke esibangela ukuba siti kwamawetu gcina ipuluwa apo usindo lukona kusakufika amaxesha anzi- ma njengala sikuwo.

Amanqaku.

Kwi Ramenente yase Tshatshi eyonga- nyolwe e Mzimvubu kuko idumdum lo- kuba u Rev. J. Oxley Oxland (U Osi- landa) wamkele indawo yokuba umfu- ndisi kwelipezu e Pretoria, usele Kwalele ukunduluka eMampondweni apo ebeko- na. Kuvakala ukuba Amangesi elo iwa- kataza kakulu lonto kuba owawo umngwe- no nomyolelo womfi u Archdeacon Button ngowokuba aze atabate indawo yomfi lowo u Archdeacon. Ngati ne Bishop yayide yavuma, kodwa yabuya yaguquka kwesositombiso ukuze kuvuke oludush- she nje olubangele ukuba igamale Bishop u Dr. Callaway licakulelwe perulu, kangangokuba nokukupuma kwayo ebu Bishopini ngati kususela kulonto. Bona abantu abakavumi ukugoba nangoku, inxenye iti iyakwenza yonke imigudu enayo yokuwucita umsebenzi we Lizwi ukuba Umsil Osilandaka akafakwanga. Ku- suke endaweni yoku pulupulwa kwezo ntsongelozabo kwatsityiswa wabelwa ndaweni yimbi.

EYONA nteto ityebileyo ngalencwadi iyi Grammar yesi Xhosa ka Mr. Craw- shaw siyifumana kwipepa lase Kapa i Argus, liti: —“Amangesi amani- nzi kwelilizwe Isixhosa asifunda esezantsip- aze asitete kakuhle, kanti akazi nento ngokusekwa kwamazwi ne- nteto. Kanjako kubo into eninzi yama- nye ati xa alinga ukusifunda Isixhosa ayaye asilahl- kuba kungeko nto iwako- kelayo newalatisa indlela. Siyavuya ke ukuya epepeni elaleswa e Qonce kwintla- nganiso yabafundisi ukuba u Mr. Craw- shaw wase Lovedale usand' ukubhalwa incwadi enjalo ezakubehle ishicilelwe. Siva kusitwina itabate indawo ezizintloko entetweni yesi Xhosa yaza yamana izive- lisa ngokuzivelisa kumfundisi izicaza izi- nyanzela ngokwenza imilinganiselo. Inte- to icazululwe ngokunzulu, atiyilwa nama- zwi ngamanye, yonk' into epakati yaxelwa kwasekuqaleni. Lonke ulungiselelo luve- lelwe lomtu oqalayo. Ukwenziwa kwayo ilungiselelwe nabanesiqanaku e Si- ngesi, eyakuba luncedo kubo.”

Kunganjanina Kusiyiwa e Kapa ?

IV NGE RAUFU YBNDELEA.—ROAD RATES. Le yenye yezintokufuneka uboniaene ngaso umzi, kuba kuko indawo endifike ndizi pau- le mna kuyo lerafu kubonakala ukuba sizaku- yirola. (1) Asina Tayittle, singabampahla, na aihlala zisentloko ; ngako oko ke akubo. nakali ukuba singabatala imali yokusetye- nzwa kwendlela esingaziyo ukuba sohlalana kona knleyo mimandla inezondele. (2) Asi- nazwi lanto kwi Divisional Councils apo kocitwa kona ezimali, ngako ke asinako ukungena ngerafu. (3) Anditina u Rulumente ngalonyaka nbeppanga inkomo zeta kunye nokatya wada kwabanye abantu (ngenxa yoknswela kwabo) wapanga ama- g

ngu Ruluneli e Centuli, ndaza kuwo ndafu. mana kusitiwa: " Onke amatyala apakati kwa Batembu ayakutetwa, agwetywe zi. nkoi zabo; ngapandle kwamatyala okuba. lala, nawezipitipi pakati kwa Batembu nesinye izizwe." Nakuba ngoku ndiwutaho ngenloko lomnqopiso, ndiyatamba ukuba ndiwuxela njengoko unjalo, ukuba ngaba ndiposile bonceda bayalate imposiso abahlobo abanjengo Mr. Tile He! ekubeni kunjalo ke ziyawateta ziwagqibe na amatyala inkosi zase Batenjini ? Ukuba akunjalo ngasizatu sini ? Asikuko kudlelwa indlala oko ? Ukugqibhelana kwam nemicimbi yelo lakwa Tba ndandibona nemicimbi engento yanto ebe ifanelye kukugqitywa emakaya isiya komantyi ababesuka bayitete, bayigwebe bengazikatazanga ngokubuzwa ukuba ike yasiwa na ezinkosini, yaza yatinina. Kweli linganeno kwela Batembu—Fingoland—kwaka kwixesha eliqitileyo kwenziwa into endibe ndiyibuka kakulu le . yaysenziwa ngumhlobo wezizwe ezintsundu u Captain Blyth—indoda ebulungisa bunga. soze bulityalwe ngama Afrika enene—yoku-wateta amatyala kunye nenkosi zeta. Yayintle lonto nkna ingaba isenziwa ; ndingati kuni mawetu apesheya kwe Nciba iyatata —vuya.

Kweli lase Koloni ezinye zisawateta, zisavunyelwa pofu ngumteto (njengoko kunjalo kwezi zase Ngqushwa) kodwa ke abantu bakowetu bazicekisa inkosi zohlobo lwabo ngokusitukutezi nangokudanisaayo. Uninzi lwabantu abanmanyama selusiti lwakuba nomcinjana ongatetwayo lubaleke luye kupangelana ngamagqweta. A ! Lishwa! Usifa. nde nganina kangaka!! Umntu ongaqelileyo ukubako kwinkundla zenkosi zetu angade ati ingabi amatyala awalngniswa zinkosi kanti hai, sikwa sesisibelegu shilele umntu ontundu ongati naxa utenga into yake umntu wakuti, pofu uyitenga kühle, umve ekala ngeliti " sendixolele ukuba ndiye kudliwa ngumntu omhlope kanye kunokuba ndidliye yenye into emnyama." Hi, Au! okuke u Rulumeni angekuncedi kuba ilishwa lokucekisa lisisipete; into kodwa endiyitetyayo yile: pambi kokuba ityala litetwe yimantyi mayike ibnze ukuba liyile na enkosini, yaza yatinina yona ngalo. Ngezvi elinye ndingasendisiti makungabiko tyala lamnt' untundu litetwayo inkosi yake ingeko, ekuye kubuzwe kuyo, nangesigwebo sayo nangezizatu zezo sigwebo. Hai ubumndani obe buyaknviwa ndim ngabanjini ukuba imantyi bezingawintayo amatyala etu ku nyne nobawo betu inkosi. (c) Zingama *pollsa*. Oku ndikntiye kangangohlobo lokuba ndisuke nditi ndakucinga ngako ndive umzimba wam wonke ududuma ushushu ngenxa yomsindo. Intoni! Inkosi ibe nguntammani! Hai into imbi. Untammani ndimtyile nongumntu omnyama, kangakanina ke oyinkosi entammana usapo lwakowabo, olu abefanale ukulufela. Oka Mabantla ekutshiwe nje ekwamkeleni imali ka Rulumeni—kuba kona ebukosini akasozwe akutshwe ngoku De Wet abaliwaka—usuke wazonela ngendaba ngumtandi welizwe lakowabo. Namhla ke umi engumzekelo woku. fela amalungelo omzi wakowabo ontundu -simbonga ngoknyne ngaloxa; kodwa ke utu akubanjabo azamtammana ezinye inkosi zafuna amagama ngame ? Ityala laka nanamhla asilazi tina mzi untundu selingaba laziwa ngontammani abo. Pofu ke xa kululo sizisongo ni izandlisenzida oSikulume ? Unani lomcimbi wakuke utatwe ngamadoda omzi wase Afrika ?

(I)NGENKOBI EZISEBUNZIMENI.

Kudala abantwana benkosi besebunzimeni bokusebenza ngepeki nomhlakulo yonke le mihla e Kapa, lixesha eli lokuba mababe bayavelwa ngama Afrika. Asikuko nokuba ude washiya wanceda umfundisi u Rubusana ngokuwmbeka pambi komzi lomcimbi. Sendike ndambhalela incwadi etakazelayo, endite kuye esisicelo ateta ngaso asifanelye ukuya e Palamente, kulo Le Roex, Theron, no Venter—knba yona i Palamente, ngenxa yalamadoda, sendiyincamile — koko mna ndibona ukuba esisicelo sohlanga sokutanda. zela amatshawe besifanelye ukuya ku Mhle-kazi u Sir Hercules Robinson. Bekunganjani na xa ke naso eifunjatise amadoda abengati ake axoxe nangawo wonke lomcimbi wobukosi betu ?

UMQAMELO.

Konke ke oku ndikutetayo kubekia kwindawo yoknba makwenziwe u Manyano olutle sili zizwe ezintsundu, luze lube lololmanyano (Union) olungati lutumele amadoda e Kapa, ukuba oko kukolekile kulo. Nakuba lendawo ndiyibhekisa kumzi wonke, ndiqamele kambe pezu ko " *Manyano Ngefundo*" pezu kwe " *Mbumba Yamanyama*," pezu ko " *Kwentlangano ya Batembu*," pezu ko " *Manyano Lwabantsundu* " Engqushwa, napezu kwezinye intlanganis zoluhlobo ezi. koyo kwindawo ngendawo endizela ngokubekileyo ukuba zindinyamezele xa ndisiti bekunganjani zite zona zaka zabhalelana ngalendawo yaza yayileyo yatumela abantu abatile—Delegates—kwintlanganis ebngati ibeko kwindawo epakati kuke kuxoxwe ngalomcimbi wolu manyano nditeta ngalo, kuba ukusinda kwetu (ndikangele) kupezu kwalo. Kambe kuwe " *Manyano Ngefundo* " singati siqamele ngawe, bonisa usapo indlela. " Ize nibe yimbumba—Union ! Watsho umfo ka Caba ogama lingasozwe life kumabali elilizwe " " *Umanyano lungamanda* " utsho owase Mangesini. Manyanani, nibe banye ke mzi wakowetu, eli lixesha lokuba silwele amalungelo etu, asilindele kuwalwela ngazikali, bake balinga abetu boyiswa, ake alinga amagora angu Maqoma, o Mhalla, o Matebe-se, o Anta, o Kiva, no Pato akwawalungela nati akungesilungeli, asinazo nembongi ezifana no Mantsona; kodwa singalwa nge *peni ne inki*, babonge oW.W.G., o Hadi, nembongi eku " *Merriman Towers* kude kutsitse into. Itinina impi yapesheya kwe Nciba ngalomcimbi ? Yimpi enamadoda into zo Bikitsha—inkosi ebete yabubungcwelisa bomzi wakowetu. Ndikwaqoshelisa ngeliti ndiqamele kwangani Sigenu, Mphala, Zwedala, Pelem, Bikitsha, Jabavn, Mhalla, Tele, Hadi, Gqoba, Mazamisa, Kalipa, Renqe, wnbonseni umntu indlela uhambe ukuze we-nze intlanganis oyaknti kuyo nke uxoxe nangendawo yokuba " kunganjanina kuke kuyiwe e Kapa." Salani mzi.

RICHARD KAWA,

Egcebula, Fori Peddie, 25 August 1886.

Impawana.

"Ugangatele wase manyangeni "uti " Noko kubonakala kum Mr. Editor ngoku lento yokupikisana ngamazwi ngeniyiye-ka mhlambi manditi mayipele kuba kukangeleka kakubana ukuti opete ipepa amana esiti: Andiyazi, andazi, andilazi, aze ati xa ati ufuna ukufunisela akutsho kwinto ekude le. Bendiba lonke elixesha umhlobo wetu lowo i Editor ye *Sigidimi* izidlisa umfuno, ngokumana isiti amazwi atetwayo apa e *Mveni* ayiwazi, ite kodwa yakudibanisa umbhelebehe nombeleso ndasuka ndeva sendisiti: Wabetu, kunyanisiwe ukutiwa intamb' emfutshane ayibopi. Indawoyokuba kuko abone inteto asiyizi nyaniso. Umtembu uti Kena; Umxhosa uti Ngena. Nguwupike owone inteto kuba kaloku Umtembu aka konzanga kum Xhosa, Nomxhosa kum Tembu. Enye into akuko mntu wayengu NTU wazala O Xhosa nabanye. Elogama livela nje enganganeni yomntu, ukuba wayeko ingaba ngu Adam inyange."

Ufumana eziqokeza intloko yena umbhaleli wetu ngokwalatisa umhlobo wetu wase *Sigidimi*. Lowo " Andazi, andiyazi, andilazi " asinguye wanamhla. Tina masikuxelele mhlope, mntakabawa, sesimncamile umzalwana lowo ka "Andazi andilazi," oti esitsho abe esiti nguye okugqibileyo konke ukwazi. Kule ofisi sesine ngobozana esizigcina kuyo zonke inteto esingena kwenza nto ngazo njengezi nteto zezizwe Ezintsundu zeti Qwa nezi Mbo njalo njalo ezimana ukuxoxwa ngumhlobo wetu wase *Sigidimi*. Longobothi ibhalwe ngeligama lokukumshwa. GOOBERIAN, ukukumbuzwa wonke owa-le ofisi ukuba yingobozeni yenteto esesizincamile. Unyanisile, " Gangelele " ukuti " Intambo emfutshane ayibopi."

Umbhaleli ose Gqume ubhekisa kuti wenjenje:—"Uti kuko uloliwe wase Batisi-owatsha impahla, kanti aziko izinto ezinjalo apa, akuko lolive wase Batisi, ngowase Rini nase Cawa kupela, asimazi tina owase Batisi. Qonda into oyenzayo . asinako ukubhalela into esingayiqondiyokulamapepa. ***

Singa singamqondisa umbhaleli wetu ukuba i Cawa ikwisiqingata sase Bhatisi, nalowo lolive usuka e Cawa usinga e Rini umele i Bhatisi, ngokoke ngati inteto yake ufumane wayikecelela engawakangelanga onke amacala aleyo ngxelo.

Ingxoxo yotywala ba Maxhosa isawoyisa umntu ne Bamente. Besisiba ama Wesile aboyisile, kanti akubanjalo. I Ramente zawo ezise ma Bekesdorp nase Mzimkulu nase Lusutu zitya " itletsane." Zeyele ngelomkono kuyo, ziti kumtya asububo tywala. Isiqamo ke ngoku kuqatshulwa ingongoma umhla nezolo. **

Kuko into engum mangaliso kwesizwe sika Kama. Ngabantu abangenanto zendaba zalentlalo yase Mangesini ezivakaliswa ngamapepa. Kodwa onke Amagqungukwebe angekona ekaya ayawabataba amapepa endaba. Sinabamkeli be *Mvo Zabantsundu* base Magqungukwebeni e Batenjini, kwela Mamfeng, e Dayimani, e Bhayi, e Bini, nase Tsitisa, kodaya ekaya akutsitsi nto. Uti u Mgqunukwabe akushenxa e kaya afane nomntu oqelayo ukulibona ilanga obekade ewalelwe ebumnyameni abengabuboni yena. **

Lomsebenzi wokuhamba nenqwelo nelishwa, kuba bambalwa abantu abangayityiyo indloloti kwabakuwo. Tina bantu balapa edolopini sesinqungukile saruquka impela ngamavunja-vunjana esiweswa kubantu abesingawafindele kubo. Mabasesinde abazalwana bangezi kule ofisi ye *Mvo* sebezite tshwe intungo. Sirazuka izibindi ngabantu ebesezilaza ezirame-nteni kanti *hanamavuyusha*

